Isalathiso: 20210922-6116
Inombolo yefayili: 3/3/3/3/1
Imibuzo: M Mpiti

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule: 0007/2021

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo

Isihloko: Iskim seebhasari zokufunda ngokungesosigxina sabaqeshwa benkonzo karhulumente (kunyaka wokufunda ka-2022)

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) licela bonke abaqeshwa benkonzo karhulumente abanqwenela ukwenza izifundo ngokungesosigxina ngo-2022 ukuba benze isicelo seebhasari zokufunda ngokungesosigxina.

2. Ukungqinelana nomthetho i-*National Qualifications Framework Act, 2008 (Act 67 of 2008)*, njengoko ufakelwe izilungiso, kwaneemfuno ezimiselweyo zezithuba zabaphathi abaphakathi nabaphathi abakhulu (*middle management and senior management*), iSebe i*WCED* liya kuqala likhethe abaqeshwa benkonzo karhulumente abanqwenela ukuphucula amabanga emfundo yabo abe kwinqanaba lesidanga (*degree-level*) (*NQF 7*) okanye abanqwenela ukwenza izifundo ezibakhokelela kwinqanaba lediploma kazwelonke (*national diploma (NQF 6)*) okanye elesidanga se-*undergraduate degree* (NQF *7)*.

3. Iibhasari ziya kunikwa kuphela abenzi-sicelo ukuba:
   a) bangabemi baseMzantsi Afrika;
   b) bangabaqeshwa abaqeshwe isigxina ngokoMthetho i-*Public Service Act, 1994 (Proclamation 103 of 1994);*
   c) bayazifezekisa iimfuno zokwamkelwa zeziko lemfundo ephakamileyo (*higher education institution*) (*HEI*) elichaphazelekayo;
   d) banobungqina bokuba basenzile isicelo okanye banekopi yerisithi yentlawulo evela kwi-*HEI* yonyaka wokufunda ka-2022;
   e) bazimisele ukwenza izifundo ngokungesosigxina ngo-2022;
   f) bafundela ukuzuza ibanga lemfundo eliyi-*undergraduate qualification* okanye i-*post graduate qualification;* yaye
   g) abafumenanga enye ibhasari karhulumente okanye nayiphi na enye ibhasari.

4. Zonke izicelo ziya kuphononongwa ngokwezi khrayitheriya zilandelayo:
   - Ukufaneleka kwenkalo yesifundo ekujoliswe kuyo ngokunxulumene neemfuno zobuchule zexesha langoku nezexesha elizayo zeSebe i*WCED;*
   - Imfuno yecandelo elichaphazelekayo yezakhono ezithile okanye ezinqabileyo;
   - Ubulungisa kwezengqesho (ngokohlanga, isini, ukhubazeko);
   - Ukuba ngaba abenzi-sicelo basuka kwiindawo zasemaphandleni na okanye kwezasezidolophini ;
   - Ukufaneleka kwezifundo kwinkcazo yomsebenzi othile;
   - Amanqanaba omvuzo nokufumaneka kwemali;
   - Amabanga emfundo okuqala ethelekiswa namabanga emfundo esibini;
   - Nengcebiso yesuphavayiza nekufuneka iqhotyoshelwe kwisicelo.

5. Azisayi kuqwalaselwa izicelo ezifike emva kwexesha elimiselweyo, ezingazaliswanga ngokupheleleyo nezithunyelwe ngefeksi okanye apho ingabonakaliyo into ebhaliweyo. Zonke izicelo mazingeniswe engadlulanga **uLwesibini, we- 02 Novemba 2021.**

6. Kuya kuqwalaselwa kuqala izicelo zezi nkalo zezifundo zilandelayo, apho kukho ukunqongophala kwabasebenzi abaqeqeshiweyo kunye/okanye imfuno ezingileyo yeSebe i*WCED*:

	UDIDI LWEBANGA LEMFUNDO	**INKALO/ICANDELO LESIFUNDO**
a)	*Degree (NQF 7) / Diploma NQF 6 (leading to NQF 7)*	*Financial Management Systems, Financial Accounting, Management Accounting, Auditing*
b)	*Degree (NQF 7) / Diploma NQF 6 (leading to NQF 7)*	*Human Resource Management/Development, Industrial Psychology*
c)	*Degree (NQF 7) / Diploma NQF 6 (leading to NQF 7)*	*Public Management*
d)	*Degree (NQF 7) / Diploma NQF 6 (leading to NQF 7)*	*Information System/Information Management*
e)	*Degree (NQF 7) / Diploma NQF 6 (leading to NQF 7)*	*Industrial Relations*
f)	*Degree (NQF 7) / Diploma NQF 6 (leading to NQF 7)*	*Project Management*
g)	*Degree (NQF 7) / Diploma NQF 6 (leading to NQF 7)*	*Safety/Security Management*
h)	*Degree (NQF 7) / Diploma NQF 6 (leading to NQF 7)*	*Archives and Records Management*
i)	*Degree (NQF 7) / Diploma NQF 6 (leading to NQF 7)*	*Office Management and Technology*
j)	*Degree (NQF 7) / Diploma NQF 6 (leading to NQF 7)*	*Property Management/Town Planning*

7. Abenzi-sicelo mabenzise le linki ilandelayo ukufaka isicelo ngekhompyutha okanye baskene le *QR code* ukungena kule linki kwiiselula/kwiithablethi zabo.

https://forms.office.com/Pages/ResponsePage.aspx?id=f790rsPPYEeh_gcxr6pVAhJlmtb5hz5FiPdS4qjWtfdUQjI4UUEzSDI2RTcxSVNQSjVRR1pXUVlHTC4u

8. Abenzi-sicelo mabangenise la maxwebhu azaliswe ngokupheleleyo alandelayo ngekhompyutha:
   - Ifom yesicelo sebhasari (eqhotyoshelwe kule ngcaciso imfutshane)
   - Inkcazo ebhaliweyo yoqikelelo lweendleko zokufunda (ezokubhalisa nezezifundo) evela kwi-*HEI* zonyaka wokufunda ka-2022 (le ngcaciso iyafumaneka kwi-*HEI*)
   - Ingcebiso yesuphavayiza yabo nencwadi enezizathu ezithethelela isicelo
   - Ubungqina besicelo okanye ikopi yerisithi yentlawulo evela kwi-*HEI*.

9. **Amaxwebhu makangeniswe ngekhompyutha kulo:**Malorato.Mpiti@wced.info.

10. IKomiti yeBhasari iya kuqwalasela zonke izicelo yenze iingcebiso zokukhutshwa kweebhasari. Linani lezicelo ezifunyenweyo nemali efumanekayo eziya kumisela inani leebhasari eziya kunikezelwa ngazo.

11. Ngamnye umenzi-sicelo ophumeleleyo kuya kulindeleka ukuba angene kwimvumelwano emiselweyo (imvumelwano yebhasari) neSebe i*WCED* yokwenza inkonzo yonyaka ngonyaka ngamnye anikwe ngawo ibhasari yaye ayithobele yonke eminye imigqaliselo ekhankanywe kwimvumelwano.

12. Ngayo nayiphi na imibuzo enxulumene nezicelo zebhasari yenkonzo karhulumente yango-2022, kucelwa uqhagamshelane noMaloroto Mpiti ngokuthumela i-imeyili apha Malorato.Mpiti@westerncape.gov.za okanye kule nombolo yefoni 021 467 2155 okanye uMasiyelane Jita kule dilesi Masivelane.Jita@westerncape.gov.za okanye kule nombolo yefoni 021 467 2224

13. Kucelwa niqinisekise ukuba bonke abaqeshwa benkonzo karhulumente abakwicandelo lakho banolwazi ngokukule ngcaciso imfutshane ukwenzela ukuba bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO
UMHLA: 2021-10-01